Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO B: IMIHLATHI

### UMBUZO 2

Khetha imihlathi ibe MIBINI kule ilandelayo uze ubhale ngayo. Bhala amagama ali-100−120 (umxholo kuphela).

2.1 **ILETA YOBUHLOBO**

Bhala ileta eya kumhlobo wakho uvelane naye ngentlungu ethe yamehlela. **[25]**

2.2 **I-OBHITSHUWARI**

Bhala i-obhitshuwari yomqeqeshi wezemidlalo kwingingqi yakho. **[25]**

2.3 **ISIVI NELETA EYIKHAPHAYO**

ISebe lezoKhenketho libhengeze isithuba somsebenzi wokunceda abakhenkethi kwiphephandaba.

Thumela isivi neleta eyikhaphayo uzigqatsele eso sithuba.

**ISITHUBA SOKUBA NGUMNCEDI WABAKHENKETHI**

**IMISEBENZI OZA KUYENZA**

- Ukwamkela iindwendwe.
- Ukwalathisa abakhenkethi indlela.
- Ukunika ulwazi ngeendawo zokhenketho.

**IZIQINISEKISO ZEMFUNDO EZIFUNWAYO**

- Isatifikethi sematriki.
- Idiploma okanye isidanga sezifundo zoKhenketo.
- Isiqinisekiso sokuqhuba inqwelo-mafutha.

**IZAKHONO EZIFUNEKAYO**

- Ukwazi ukuthetha isiXhosa nesiNgesi.
- Ukuthande ukusebenza nabantu.
- Ungabi nangxaki yokusebenza iiyure ezongezelelweyo.

**[25]**

2.4 **INGXOXO YABABINI**

Bhala ingxoxo ephakathi kwabafundi ababini emalunga nokunxitywa kwempahla yexabiso kwakunye nezinye iindleko zamalungiselelo etheko lokuthi ndlelantle kubafundi bebanga le-12. **[25]**

 Downloaded from Stanmorephysics.com 

2.5 **IRIVYU**

**Umxholo, ucwangciso nefomathi: [15]**

- Mayibe ngenkqubo yezemfundo zezifundo zebanga le-12 ayibukele kumabonakude.
- Iveze iimpawu zayo eziphambili.
- Mayivakalise izimvo neemvakalelo zombhali werivyu ngendawo eqhubeka kuyo.
- Mayiveze okuyinyani ingabaxi, okubi nokuhle kuvezwe ngendlela ehloniphayo nenika isidima.
- Mayitsale umdla kulowo uyifundayo.
- Umbhali makabalule izinto ezinika umtsalane kwezi kqubo azibukela kumabonakude.
- Kwisiphelo makuvele umyalezo okanye imfundiso efumaneka kwezi nkqubo zikamabonakude zemfundo.

**Ulwimi, isimbo sokubhala nokuhlela: [10]**

- Ulwimi malube sesikweni.
- Ithoni nerejista mayibe sesikweni. **[25]**

2.6 **INQAKU LEMAGAZINI**

**Umxholo, ucwangciso nefomathi: [15]**

- Mayibe nesihloko esifutshane sitsale umdla wabantu.
- Isihloko masiqulathe owona ndoqo wenqaku.
- Amagama alowo ubhale inqaku mawavele ezantsi kwesihloko.
- Kubalulekile ukubhala okuyinyani hayi uluvo.
- Kulindeleke umntu akhankanye igama ozuze kulo ulwazi, ukuba ngumntu akhankanywe xa kuphuhliswa umxholo wenqaku.
- Umxholo mawucebise ulutsha ngeendlela zokuzigcina lusempilweni.

**Ulwimi, isimbo sokubhala nokuhlela: [10]**

- Ulwimi malube lolusulungekileyo nolundilisekileyo kuba yenzelwa abangasondelanga kulowo uyinikezelayo.
- Ithoni, irejista nesimbo sokubhala masibe sesifanelekilayo sihambelane nenqaku elo libhalwayo.
- Inqaku malibe kumntu wesithathu. **[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B (25 x 2): 50**
**AMANQAKU EWONKE: 100**

